

Inombolo yefayili: 27/12  
Isalathiso: 20240803-6388

iSetyhula: 0041/2024  
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2026

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Imihla namaxesha amiselweyo ezicelo zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nolawulo Iwengcaciso engokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ukwenzela u-2025/26*

**Isihloko:** **Imihla namaxesha amiselweyo ezicelo zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nolawulo Iwengcaciso engokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ukwenzela u-2025/26**

1. Iyaqhube ka ukukhula qho ngonyaka imfuno yokufakwa kwabafundi kwindawo zokufunda ezikolweni eNtshona Koloni. Ukwenzela ukuba kulawulwe ngempumelelo ukwamkelwa kwabafundi ezikolweni, kucelwa izikolo ziwathobe la maxesha amiselweyo okwamkelwa kwabafundi adweliswe kule setyhula.
2. Imiqathango ekhankanywe kule setyhula iseenza kwizicelo zamaBakala R, 1 no-8 kwakunye nakwizicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo, ezifunyenwe ngo-**2025/26** zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngo-**2026**.
3. Le setyhula mayifundwe kunye neSetyhula 0053/2021, yomhla we-09 Matshi 2022, iSetyhula 0059/2021, yomhla we-08 Oktobha 2021, neSetyhula 0018/2022, yomhla we-30 Matshi 2022 kunye neMigaqo yokuSebenza eMiselweyo (*Standard Operating Procedures (SOP)*) yeSebe leMfundu leNtshona Koloni (iSebe iWCED) ukwenzela ukungeniswa emva kwexesha kwezicelo.
4. Le miha ifanayo ilandelayo yokwamkelwa kwabafundi ezikolweni, inika iSebe iWCED ithuba lokucwangcisa ngobuchule obukhulu ukwenzela ukubonelelwa kwamagumbi

okufundela, amanani ezithuba zootitshala awabelwe izikolo (staff establishments), ukuthengwa kweZibonelelo eziXhasa ukuFunda nokuFundisa kunye nezinye iinkqubo zongenelelo ngoncedo eziyimfuneko ukuqinisekisa ukuba izikolo zikulungele ukuvulwa kwakhona ngosuku lokuqala.

5. Kuphela ngabafundi abakubudala obunyanzelekileyo bokuhamba isikolo abafakelwa izicelo ngabazali/ngabagcini/ngabanonopheli babafundi, zendawo yokufunda kumaBakala R, 1 okanye 8 abahlelwa njengabezelcelo ezitsha esikolweni.
6. Zonke ezinye izicelo (amaBakala 2–7 nezamaBakala 9–12) zihlewa njengezelcelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo.

## **7. Isistim yekhompyutha i-School Admissions Management Information (SAMI)**

- 7.1 Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi abaninzi nemibutho bavakalise inkxalabo malunga nezikolo ezinyanzela abazali/abagcini/abanonopheli babafundi ukuba bagcwaliise ezinye iikopi ezingamaphepha okanye ezinye iifom zezelcelo kwikhompyutha kunye(okanye ezifuna ukuba kungeniswe iinkcukacha ezongezelelweyo. Oku akukho mthethweni okanye kuyakhabana ngokoMthetho we-Protection of Personal Information (POPI) Act, 2013 (Act 4 of 2013). Oku kukwabandakanya neenkukacha ezinxulumene nokukwazi komzali/komgcini/komnonopheli womfundi ukuhlawula iifizi zesikolo okanye iinkcukacha zobuqu nezingendalela yokuziphatha.
- 7.2 Le setyhula ke ngoko ingqina ukuba **ulawulo** lokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ukwenzela u-2026, malwenziwe kwisistim ye-SAMI esemthethweni yeSebe iWCED yaye izikolo MAZINGASEBENZISI iifom zazo ezingamaphepha, iifom zekhompyutha okanye iisistim, okanye zicelle naziphi na iinkcukacha ezongezelelweyo kubazali/kubagcini/kubanonopheli babafundi, oko kukuthi izenzo ezingangqinelaniyo ne-South African Schools Act, (SASA), 1996 (Act 84 of 1996), noMgaqo-nkqubo woKwamkelwa kwaBafundi kwiZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo opapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 19377 yowe-19 Oktobha 1998, okanye ne-POPI Act.
- 7.3 ISebe iWCED lifumene iingcebiso ezimalunga nezomthetho (legal opinion) ezingajna ukuba yiNtloko yeSebe leMfundu kuphela evumelekileyo ukwamkela abafundi ngokwenkqubo yekhompyutha (an online system) okanye ngeefom zokwenza izicelo eziprintiwego zeSebe iWCED.
- 7.4 Kukwaqinisekiswe nokuba iNtloko yeSebe leMfundu inokumisela ukuba yeyiphi na ingcaciso emayicelwe nemayihanjiswe kunye nezicelo zokwamkelwa kwabafundi yaye iyeyiphi ingcaciso engenakucelwa.

8. **Amaxesha amiselweyo ezicelo zokwamkelwa kwabafundi ezikolweni kusetyenziswa ikhompyutha-AmaBakala R, 1 no-8 KUPHELA**

Kucelwa izikolo ukuba ziwathobele la maxesha amiselweyo alandelayo okwamkelwa kwabafundi ezikolweni eSebe iWCED **naya kusebenza KUPHELA kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.**

<b>IMIHLA YANGO-2025/26 (EZAMABAKALA R, 1 NO-8 KUPHELA)</b>	<b>UMSEBENZI</b>
12 - 14 Februari 2025	Izikolo zizalisa yaye zisayinele kwikhompyutha amanani obhaliso acwangcisiwego kwisistim ye-SAMI
19 – 21 Februari 2025	Abaphathi beesekethe baqinisekisa yaye basayinele kwikhompyutha amanani obhaliso acwangcisiwego kwi-EduInfoSearch.
<b>ISIGABA 1 – ISICELO SOMZALI/SOMGCINI/SOMNONOPHELI WOMFUNDI</b>	
11 Matshi 2025	Izikolo <b>zivala</b> inkqubo yokwamkelwa kwabafundi bamaBakala R, 1 no-8 (zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo).
15 Apreli 2025	Izikolo <b>zivala</b> inkqubo yokwamkelwa kwabafundi bamaBakala R, 1 no-8 (zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo).
16 Apreli – 19 Meyi 2025	Izikolo zisingatha izicelo zamaBakala R, 1 no-8.
<b>23 Meyi 2025</b>	<b>linqununu ziukumbela yaye zisayinele zonke iimo zezicelo zamaBakala R, 1 no-8 kwi-SAMI system</b>
28 Meyi 2025	Abaphathi beesekethe basayinela zonke iimo zezicelo zamaBakala R, 1 no-8 kwi-EduInfoSearch.
30 Meyi 2025	Isistim ekwikhompyutha ibonisa isiphumo sazo zonke izicelo zamaBakala R, 1 no-8.
30 Meyi - 10 Juni 2025	Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi baziswa ngesiphumo sesicelo nge-imeyili/nge-SMS ukwenzela amaBakala R, 1 no-8.
<b>30 Meyi – 17 Juni 2025</b>	<b>Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi bangqina ukuba bayazamkela iindawo zokufunda zamaBakala R, 1 no-8.</b>
<b>ISIGABA 2 – UKUFAKWA KWINDAWO YOKUFUNDA SISIKOLO</b>	
17 Juni – 31 Julai 2025	Izikolo zizalisa iindawo ezifumanekayo zokufunda zamaBakala R, 1 no-8
17 Juni, kude kugqitywe ukufakwa kwabafundi kwiindawo zokufunda	Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi baziswa ngeendawo zokufunda. Mabazamkele yaye bakuqinisekise ukufakwa kwiindawo zokufunda kwabafundi zingadlulanga <b>iintsuku ezintathu</b> .
<b>ISIGABA 3 – UKUFAKWA KWINDAWO YOKUFUNDA ZIZITHILI</b>	
01 Agasti 2025 – ukuqukunjewa kwezicelo zokwamkelwa kwabafundi ezikolweni	ISebe iWCED lisombulula izicelo yaye lifaka abafundi abangafakwanga kwiindawo zokufunda ngokubonisana nezikolo.

Ukususela ngosuku lokuqala Iwesikolo ukwenzela abafundi - Januwari 2026	Izikolo ziqinisekisa amanani obhaliso kwi-CEMIS
---	---

## 9. **Izicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo- AmaBakala 2-7 namaBakala 9-12**

- 9.1 Isicelo sokutshintshelwa kwesinye isikolo sichazwa njengesicelo somzali/somgcini/somnonopheli somfundi osele ebhalisiwe esikolweni, ofuna indawo yokufunda kwesinye isikolo kumaBakala 2-7 okanye kumaBakala 9-12.
- 9.2 Ngenxa yemfuno engamandla yeendawo zokufunda, izikolo zinokuqwalasela ukufakwa kwabafundi kwizithuba ezifumanekayo. ISebe iWCED liya kuqizwalasela kuqala izicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo kuphela apha abafundi **bekumabakala okugqibela ukuphuma kweso sikolo** yaye lizithathelle ingqalelo izicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo apha umzali/umgcini/umnonopheli womfundi efudukeni kwenye indawo okanye **kwiimeko ezixhomisa amehlo**. (Kucelwa nijonge ku-9.3 no-9.4 ngezantsi ukufumana inkcazel.)
- 9.3 Ukuhintshelwa kwezinye izikolo **kwabafundi abakumabakala okugqibela ukuphuma kweso sikolo** kuya kusebenza apha umfundi afunda kwisikolo esingenalo iBakala 7 okanye 12 njengelona bakala liphakamileyo lifundiswa kweso sikolo sithile (oku kudla ngokusebenza kwisikolo esiyiprayimari esandisiweyo ukwenzela ukuba sibandakanye iBakala 8 kanye/okanye ele-9).
- 9.4 **limeko ezixhomisa amehlo** ziimeko apha ukuhintshelwa kwesinye isikolo kuyimfuneko ngenxa yeziggibo ezithathiweyo malunga nempilo-ntle yengqondo kanye/okanye yomzimba yomfundi kanye/okanye ezilawulwa yinkundla okanye liSebe loPhuhliso loLuntu.
- 9.5 Nasiphi na esinye isicelo sokutshintshelwa kwesinye isikolo, apha umfundi sele ebhalise kwisikolo sikarhulumente esiqhelekileyo, siya kuxhomekeka ekufumanekeni kwendawo kweso sikolo (kwizikolo) sifunwayo.
- 9.6 **Inkqubo yokufakwa kwezicelo zokutshintshelwa kwesinye isikolo kwikhompyutha (amaBakala 2-7 namaBakala 9-12)**
- 9.6.1 Kucelwa niqaphele ukuba abazali/abagcini/abanonopheli babafundi **mabasifake (capture) isicelo sokutshintshelwa kwesinye isikolo kwisistim i-SAMI**.
- 9.6.2 Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi abangenako ukungena kwi-SAMI system banokuzalisa **ifom yokutshintshelwa kwesinye isikolo i-WCED transfer request form eliphepha (hard copy)** baze bayingenise ifom ezaliswe ngokupheleleyo ehamba namaxwebhu axhasayo esikolweni abasikhethayo okanye kweyona ofisi yesithili ikufutshane.

- 9.6.3 Izikolo nezithili ziya kucelwa ukuba zinike abazali/abagcini/abanonopheli babafundi irisithi esisiqinisekiso sobungqina bokuba basifakile izicelo esiliphepha eliprintiwego (hard copy) (isiHlomelo E).
- 9.6.4 Izikolo ziya kubanako ukufaka izicelo ngokukodwa kwisikolo apho umzali/umgcini/umnonopheli womfundi afuna atshintshelwe khona umfundi ngokuthe ngqo.
- 9.6.5 Izithili ziya kubanako ukufaka izicelo kwikhompyutha zokutshintshelwa kwezinye izikolo ukwenzela izikolo ezinanzi.

#### **9.7 Imihla emiselwego kwizicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo (izikolo nezithili KUPHELA)**

Kucelwa izikolo ukuba ziwathobele la maxesha amiselwego alandelayo ezicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo kwabafundi **naya kusebenza KUPHELA kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.**

<b>IMIHLA YANGO-2025/26 AMABAKALA 2-7 NAMABAKALA 9-12)</b>	<b>UMSEBENZI</b>
<b>ISIGABA 1 - IZIKOLO NEZITHILI KUPHELA</b>	
04 Agasti 2025	<b>Isistim ivulelwa</b> abazali/abagcini/abanonopheli, izikolo nezithili ukuba zifake izicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo zamaBakala 2-7 namaBakala 9-12 kwi-SAMI system (zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo).
18 Agasti 2025	<b>Isistim iyavalwa</b> kubazali/kubagcini/kubanonopheli, kwizikolo nezithili ukuba zifake izicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo zamaBakala 2-7 namaBakala 9-12 kwi-SAMI system (zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo).
19 Agasti 2025 – 05 Septemba 2025	Izikolo zisingatha <b>izicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo.</b>
08 Septemba 2025	<b>linqununu ziqukumbela yaye zisayinele imo zezeicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo kwi-SAMI system.</b>
11 Septemba 2025	Abaphathi beeSekethe basayinela zonke iimo <b>zezeicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo</b> kwi-EdulInfosearch.
17 Septemba 2025	Isistim ibonisa isiphumo <b>sesicelo sokutshintshelwa kwesinye isikolo</b>
17-19 Septemba 2025	Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi baziswa ngesiphumo sesicelo nge-imeyili/ngeSMS.
17-30 Septemba 2025	<b>Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi bangqina ukuba bayazamkela iindawo zokufunda zabafundi abatshintshelwe kwezinye izikolo.</b>
<b>ISIGABA 2 – UKUFAKWA KWABAFUNDI ZIZIKOLO</b>	

<b>30 Septemba 2025</b> <b>ukuya kwi-13 Oktobha 2025</b>	Izikolo zizalisa iindawo ezisafumanekayo.
13 Oktobha 2025 kude kugqitywe ukufakwa kwabafundi.	Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi baziswa ngeendawo ezifumanekayo. Abazali mabakuvume yaye bakuqinisekise ukuyamkela indawo afakwe kuyo umfundis zingadlulanga <b>iintsuku ezintathu</b> .
<b>ISGABA 3 – UKUFAKWA KWABAFUNDI ZIZITHILI</b>	
<b>14 Oktobha 2025</b> – ukuqukunjelwa kokwamkelwa kwabafundi.	ISebe iWCED lisombulula izicelo yaye lifaka abafundi abangafakwanga kwiindawo zokufunda ngokubonisana nezikolo.
Ukususela ngosuku lokuqala Iwesikolo ukwenzela abafundi - Januwari 2026	Izikolo ziqinisekisa amanani obhaliso kwi-CEMIS

- 9.8 Inkqubo yokwenza isicelo iqhutywa ngezigaba ezithathu.
- 9.8.1 **Kwisigaba sokuqala**, abazali/abagcini/abanonopheli babafundi bafaka izicelo, zona izikolo zenza isigqibo ngokufakwa kwabafundi kwiindawo zokufunda.
- 9.8.2 **Kwisigaba sesibini**, amagosa ezikolo nezithili zemfundo zenza isigqibo ngokufakwa kwabafundi kwiindawo zokufunda.
- 9.8.3 **Kwisigaba sesithathu**, amagosa ezithili zemfundo enza isigqibo ngokufakwa kwabafundi kwiindawo zokufunda

## 10. Amaxwebhu ayimfuneko

10.1 Kwimeko yeBakala R, 1, 8 nezicelo zokutshintshelwa kwesinye isikolo, iikopi ezingamaphepha ezingqiniwego zamaxwebhu ahamba nesicelo, mazingeniswe esikolweni okanye kwisithili. Amaxwebhu makafakwe sisikolo okanye sisithili kwisistim yekhompyutha. Umzali/umgcini/umnonopheli womfundis makangenise iikopi ezingamaphepha kuperha esikolweni akuba umfundis eyifumene indawo nokuba umzali/umgcini/umnonopheli womfundis uqinisekisile ngesikolo asikhethayo sokugqibela ngomhla oya kumiselwa sisikolo.

### 10.2 Uluhlu Iwamaxwebhu ayimfuneko

#### KumaBakala R, 1, 8 kunye nezicelo zokutshintshelwa kwesinye isikolo

(a) Iripotikhadi yokuggibela yesikolo esemthethweni/iziphumo zomfundis, ukuba umfundis ebehamba isikolo ngaphambili.

(b) Isazisi/isatifikethi sokuzalwa/ipasipothi yomfundis;

OKANYE

Isatifikethi sokuzalwa/ipasipothi yomfundis;

OKANYE

Kwimeko yabafundi bamazwe angaphandle, iikopi yephemithi yomzali/yomgcini/yomnonopheli womfundis oyimbacu okanye yommi welinye ilizwe

wcedonline.westerncape.gov.za

Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47

Western Cape Education Department

ofuna igwiba lezokhuseleko kurhulumente (asylum seeker) ekufuneka kuvele kuyo igama lomfundi;

#### OKANYE

Ukuba umfundi akazalelwanga eMzantsi Afrika (SA), iphemithi yokuba yimbacu okanye yommi welinye ilizwe ofuna igwiba lezokhuseleko kurhulumente (asylum seeker) ekhutshwe egameni lomfundi;

#### OKANYE

Ukuba umfundi onabazali/abagcini/abanonopheli bangaphandle, wazalelwwa eMzantsi Afrika: isiqjinisekiso sokuzalwa esibhalwe ngesandla.

- (c) Ikhadi logonyo (*Road to Health Chart*) lomfundi (lisebenza kwizikolo eziiziprayimari kuphela)
  - (d) Ubungqina bendawo yokuhlala (i-akhawunti kamasipala okanye yentlawulo zikamasipala/isivumelwano sokuqeshisa/ingxelo efungelweyo eqinisekisa indawo yokuhlala
- 10.3 Inqununu yesikolo mayicebise umzali/umgcini/umnonopheli womfundi ukuba eze namaxwebhu ayimfuneko zingadlulanga iintsuku eziyi-30. Ukuba umzali/umgcini/umnonopheli womfundi akakwazi ukuza namaxwebhu ayimfuneko zingadlulanga iintsuku eziyi-30, makazise inqununu ngokulibaziseka koku okanye ngobunzima okubangela kubenjalo.
- 10.4 Apho umzali/umgcini/umnonopheli womfundi engenawo amaxwebhu ayimfuneko ahamba nesicelo, kufuneka ingxelo efungelweyo esayiniweyo evela kumzali/kumgcini/kumnonopheli womfundi eyenziwe phambi koMfungisi, njengopolisa leeNkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika (SAPS). (Jonga isiHlomelo C: ithemplayithi eyidrafti yeafidavithi emayizaliswe).
- 10.5 Ngokuxhomekeka ku-10.2 (a)-(d) apha ngasentla, isicelo ASIPHELELI de ONKE amaxwebhu achaphazelekayo ayimfuneko afunwa liSebe iWCED angeniswe esikolweni.
- 10.6 Nawuphi na umfundi onomzali/onomgcini/onomnonopheli wakhe ongangenisanga nawaphi na amaxwebhu ayimfuneko ngexesha lesicelo sokwamkelwa, uya kuvunyelwa nangona kunjalo ukuba ahambe isikolo.

### 11. Inkqubo yokusingathwa kwesicelo

- 11.1 Njengegosa elijongene nalo msebenzi, **inqununu** mayisayinele imo yezicelo (status) **kwi-SAMI system ngowe-23 Meyi 2025 (AmaBakala R, 1 no-8), nangowe-08 Septemba 2025 (ezokutshintshelwa kwezinye izikolo), (njengoko imo yesicelo esiphumeleleyo ingenakurhoxiswa emva kokuba isiphumo sipapashiwe yaye kwaziswa nabazali/nabagcini/nabanonopheli ngokunjalo.**

- 11.2 **Izikolo AZINAKO ukutenxa kumaxesha amiselwego achaziwego.**
- 11.3 **Izikolo MAZINGABACHAZELI abazali/abagcini/abanonopheli babafundi iziphumo zemo yezicelo (*status*) zabo phambi kokuba zipapashwe/ziboniswe kwisistim ye-SAMI.**
- 11.4 Izikolo azinako ukucela abazali ukuba bangqine ukuyamkela kwabo indawo phambi komhla omiselwego njengoko abazali/abagcini/abanonopheli babafundi benelungelo lokulinda de zibe zonke izikolo zibazisile abazali ngesiphumo sesicelo sabo.
- 11.5 Ukuba abazali/abagcini/abanonopheli babafundi abakuqinisekisi ukuyamkelwa kwabo indawo okokugqibela phambi komhla nexesha elimiselwego, isistim ye-SAMI iya kumfaka umfundu ngokuzenzekelayo kwisikolo sokuqala esikuluhlu esinendawo yokufunda.
- 11.6 Ukuba abazali/abagcini/abanonopheli babafundi abakuqinisekisi ukuyamkelwa kwabo indawo ungadlulanga **owe-17 Juni 2025, (amaBakala R, 1 no-8) nowe-30 Septemba 2025 (ezokutshintshelwa kwezinye izikolo)**, izikolo zinako ukubanika ezo ndawo abafundi abakuluhlu lokulinda okanye abanye abafundi abasafuna ukufakwa kwiindawo zokufunda.
- 11.7 Isistim ye-SAMI ivelisa uluhlu lwabafundi abangafumananga ndawo abaqwälaselwayo ("placement in progress" (unplaced) learners) yaye ibonisa ukuba zeziphi na izikolo ezineendawo ezikhoyo.
- 11.8 Kubalulekile ke ngoko ukuqinisekisa ukuba amanani obhaliso acwangcisiwego achanekile yaye ziyaqwälaselwa izicelo ingadlulanga imihla emiselwego ukuqinisekisa ukuba amagosa aneenkukacha ezichanekileyo. Ezi nkukacha ziya kusetyenziselwa ukwazisa abazali/abagcini/abanonopheli babafundi ngeendawo zokufunda ezifumanekayo.
- 11.9 Luxanduva lwabazali/lwabagcini/lwabanonopheli babafundi ukuqinisekisa ukuba bamfumanele indawo umfundu kwesinye isikolo phambi kokuba bamtshintshele kwesinye isikolo.
- 11.10 Kucelwa izikolo zenze konke okusemandleni ukuxhobisa abazali/abagcini/abanonopheli babafundi ukuba bafake izicelo kwikhompyutha kwisistim ye-SAMI ngokubanceda ngezi ndlela zilandelayo:
- (a) Amabhunga olawulo anokubavumela abazali/abagcini/abanonopheli babafundi bafikelele yaye basebenzise ilebhu yekhompyutha yaye babekwe esweni ngokwemiqathango ebekiweyo aphi ikwiqondo eliphantsi kakhulu imingcipheko enokubakho engayilahleko kwisikolo.
- (b) Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi, ootitshala, abasebenzi bezolawulo, abafundi abazii-interns abaqeinqeshelwa umsebenzi okanye abanolwazi ngekhompyutha abathembekileyo bamaBakala 7 ukuya ku-12, banokuvolontiya ukuncedisa abazali kwinkqubo yokufaka isicelo kwikhompyutha.

- 11.11 Kwiimeko apho ingekhoyo i-intanethi, abazali/ abagcini/abanonopheli babafundi banokungena ku-intanethi kwilayibrari zomntu wonke, bafake izicelo ezingamaphepha zabo ngqo ezikolweni okanye bacele uncedo kwi-ofisi yesithili.
- 11.12 Abazali/ abagcini/abanonopheli babafundi abeza ngqo ezikolweni becela uncedo malunga nokwamkelwa kwabafundi esikolweni mabangaze bajikiswe.
- 11.13 Yonke imibuzo (ngefoni, nge-imeyili, yabaya kwiziko labenzelwa iinkonzo) emalunga nokwamkelwa kwabafundi, mayifikwe kwiprofayili yesicelo somfundi kwisistim ye-SAMI.
- 11.14 Izikolo mazinike abazali/ abagcini/abanonopheli babafundi **ifom yokwamkelwa kwabafundi i-WCED learner admission form** nekufuneka ifakwe kwisistim egameni lomzali.
- 11.15 Kwimeko yezicelo zokutshintshelwa kwezinye izikolo, apho umzali/umgcini/umnonopheli angenako ukungena kwisistim, izikolo mazibanike abazali/abagcini/abanonopheli babafundi ifom eyi-**WCED transfer request form** nemayifikwe kwisistim egameni lalo mzali/mgcini/mononopheli.
- 11.16 Izikolo namagosa ezithili zemfundo zicetyiswa ngamandla ukuba ziyamkele imbalelwano eziyifumene kubazali/kubagcini/kubanonopheli babafundi yaye ziypihendule nayiphi na imibuzo zingadlulanga iintsuku ezili-10 zesikolo.
- 11.17 Zonke iingxoxo nembalelwano nabazali/nabagcini/nabanonopheli babafundi okanye abamele babo, mazifikwe kwi-SAMI system.
- 11.18 Kucetyiswa abazali/abagcini/abanonopheli babafundi ngokungqongqo ukuba benze izicelo kwizikolo ezininzi. Oku kuya kuqinisekisa ukuba abazali bangakhetha enye indawo enokufumaneka ukuba ayifumaneki indawo kweso sikolo bebesikhethile.
- 11.19 Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi kufuneka bazichaze ngokulandeelana kwazo izikolo abazikhethayo kwi-SAMI . Oku kuphelisa ukuvalwa kweendawo (*blocking of spaces*) okulibazisa ukuqukunjelwa kokwamkelwa kwabafundi iminyaka ngeminyaka. Izikolo azinako ukubona izikolo abazikhethayo kuqala abafundi.
- 11.20 Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi mabasebenzise le dilesi yeziko lewebhu ilandelayo, <https://wcedonline.westerncape.gov.za> ukufaka isicelo nokuchaza isikolo sokugqibela abasikhethayo. Eli ziko lewebhu linokufikelelwa nangesiphi na isixhobo esikwaziyo ukufikelela ku-intanethi, ezinjengeelephutophu, iikhompyutha, iithablethi nkqu neeselula ii-smartphones.
- 11.21 Zonke izicelo, nokuba zifakwe kwikhompyutha ngumzali/ngumgcini/ngumnonopheli womfundi okanye ziziswe ngesandla esikolweni, KUFUNEA zifakwe kwikhompyutha yaye mazisingathwe kwistim i-SAMI.

- 11.22 Izikolo maziqale ziwalasele izicelo ezifakwe ngexesha elisemthethweni lokwamkelwa kwezeloko.
- 11.23 Kucetyiswa ukuba kwimeko yokufakwa kwasicelo sesibheno esimalunga nokwamkelwa komfundu, ukungavisani okanye umngeni ngokumalunga nezomthetho, zinokucelwa izikolo zinikezele ngeenkukacha ezingesicelo eso, ezifana nokuba sasiqwalaselwe nini yaye ngayiphi indlela isicelo eso. Naziphi na iinkukacha ezifunekayo ukusombulula ukungavisani, ziya kuthi emva koko zithathwe kwiziko ledatha elisemthethweni leSebe iWCED ekufumaneka kulo ingcaciso yokwamkela abafundi.
- 11.24 Kukhunjuzwa izikolo ukuba abazali/abagcini/abanonopheli babafundi bangayitshekisha imo yesicelo sabo kwisistim i-SAMI ngalo naliphi na ixesha. Kubaluleke gqitha ke ngoko ukuba izikolo ziqinisekise ukuba isiphumo esichanekileyo siyaboniswa/siyavela kwisistim ekwikhompyutha.
- 11.25 Izikolo nezithili MAZIFAKE zonke izicelo ezifike emva kwexesha ezifunyenwego.

## 12. **Ukuqinisekisa ukuyamkela indawo yokufunda nokungenisa amaxwebhu ahamba nezicelo**

- 12.1 Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi mabakungqine ukuyamkela indawo abayikhethayo yokugqibela yabo phambi ko-**00:00 ngowe-17 Juni 2025 (kumaBakala R, 1 no-8) nangowe-30 Septemba 2025 (kwezokutshintshelwa kwezinye izikolo)**. Ukuba abazali abakungqini ukuyamkela kwabo indawo okokugqibela ungdululanga lo mhla nexesha, sisistim i-SAMI iya kumnika ngokuzenzekelayo indawo yokuqala ebe yimpumelelo kwisikolo esikuluuhlu.
- 12.2 Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi bangakungqina ukuyamkela indawo ngezi ndlela zilandelayo:
- ngokungqina ngqo kwisistim i-SAMI;
  - bangasayina yaye bangenise ileta yokungqina/iphetshana lokuphendula ngqo kwisikolo; okanye
  - banokuqhagamshelana ne-ofisi yesithili ekufutshane nabo.
- 12.3 Izikolo mazifake (upload) emva koko iileta/iziliphu zempendulo, ezazingeniswe kuzo ezibubungqina bokuyamkela indawo (confirmations of the acceptance) kwisistim i-SAMI phambi ko-**00:00 ngowe-17 Juni 2025 (kumaBakala R, 1 no-8) nangowe-30 Septemba 2025 (kwezokutshintshelwa kwezinye izikolo)**.
- 12.4 Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi mabafake iikopi zamaxwebhu axhasayo ayimfuneko kwisistim i-SAMI xa befaka izicelo.
- 12.5 Kwimeko apho umzali/umgcini/umnonopheli womfundu engenawo amaxwebhu ayimfuneko ahamba nesicelo, kufuneka ingxelo efungelwego esayiniwego sisitishi se-SAPS. Oku akubandakanyi ikhadi leripoti lomfundu (*learner's report card*) emalingeniswe.

- 12.6 Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi mabaziswe ukuba ifom yokwamkelwa komfundi ezaliswe ngokupheleleyo ayiqinisekisi ukuba umfundi uyayifumana indawo yokufunda esikolweni ngokuzenzekelayo ukuba isikolo asinazo iindawo ezifumanekayo ngokwesicwangciso samanani obhaliso acetywayo.
- 12.7 **Emva komhla we-17 Juni 2025 (amaBakala R, 1 no-8) nowe-30 Septemba 2025 (ezokutshintshelwa kwezinye izikolo)**, abazali/abagcini/abanonopheli babafundi mabangenise iikopi eziqinisekisiweyo zamaxwebhu ahamba nesicelo esikolweni apho kwakungeniswe okanye kwakuqinisekiswe ubungqina bokwamkelwa kwesicelo somfundi sango-2026. Oku kufuneka kwensiwe zingaphelanga **iintsuku ezisixhenxe** zesikolo emva kokuqinisekiswa kokwamkelwa komfundi okanye ngosuku oluya kuqinisekiswa sisikolo.
- 12.8 Amabhunga olawulo anelungelo lokuzikhaba izicelo ukuba abazali/abagcini/abanonopheli babafundi bangenisa iinkcukacha okanye amaxwebhu abubuxoki/amaxwebhu angeyonyani okanye obuqhophololo.
- 12.9 Emva kwengqinisekiso yokuyamkela indawo yokufunda ngabazali/abagcini/abanonopheli babafundi, izikolo zinokuqhubeka zibanike abafundi iindawo ezipulekileyo abakuluhlu lokulinda okanye abanye abafundi abasafuna ukufakwa ezindaweni.

### 13. **Ukusombulula iimeko apho abafundi bengayifumananga indawo esikolweni**

- 13.1 Abafundi abasele besesikolweni nabafaka izicelo zonyaka olandelayo kwisikolo esahlukileyo abathathwa njengabafundi abangafakwanga ezindaweni.
- 13.2 Kwimeko apho abafundi basadinga indawo yokufunda kunyaka olandelayo mababoniswe ngo-“**placement in progress**”.
- 13.3 Amagosa ezithili achaphazelekayo anoxanduva lokulawula ukwamkelwa kwabafundi ezikolweni, aya kukwazi ukufumana izintlu (*lists*) zabafundi abangafakwanga ezindaweni zokufunda nezo ndawo zifumanekayo kwizikolo kwisithili eso. La magosa aya kucelwa ukuba ancedise kwinkqubo yokufakwa kwabafundi ezikolweni ngokuthethathethana nezikolo kwiisekethe nakwizithili ezichaphazelekayo.

### 14. **Inkqubo esemthethweni yezicelo ezifike emva kwexesha**

- 14.1 Le setyhula mayifundwe kunye neMigaqo eMiselweyo yoKusebenza yeSebe i-WCED elungiselela ukusingathwa kwezicelo ezifakwe EMVA kwexesha.
- 14.2 IMigaqo eMiselweyo yoKusebenza yeSebe i-WCED inika iinkcukacha ngeenkqubo nemigaqo emazilandelwe ngumzali/ngumgcini/ngumnonopheli womfundi, ngamagosa esebe lezemfundo neenqununu ukulawula izicelo zokwamkelwa ezikolweni kwiPhondo leNtshona Koloni ezifike emva kwexesha.

- 14.3 Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi abangenako ukuya kwi-ofisi yesithili, banokuya kwesona sikolo sikufutshane ukufumana uncedo.
- 14.4 Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi mabaziswe ukuba ifom ezaliswe ngokupheleleyo engeniswe esikolweni ayiqinisekisi ukufumaneka kwendawo yokufunda esikolweni.
- 14.5 ISebe i-WCED alinako ukubanceda abazali/abagcini/abanonopheli babafundi ukuba abayithobeli imigaqo yale nkubo ingentla.
15. **Inkubo emiselweyo yabazali/yabagcini/yabanonopheli babafundi abazicelo zabo zingaphumelelanga zonke.**
- 15.1 **Phambi kowe-31 Julayi 2025 (amaBakala R, 1 no-8) naphambi kowe-13 Oktobha 2025 (ezokutshintshelwa kwezinye izikolo)**
- (a) Umzali/umgcini/umnonopheli womfundni makaqale athethane nesikolo ukuzama ukusombulula ingxaki yokufakwa komfundni kwindawo yokufunda.
  - (b) Abazali/abagcini/abanonopheli babafundi bacetyiswa ukuba benze oku kulandelayo phambi kowe-31 Julayi 2025 (amaBakala R, 1 no-8) naphambi kowe-13 Oktobha 2025 (ezokutshintshelwa kwezinye izikolo):
    - (i) Mababhalele isikolo bacele ukuba siphinde siqwalaselwe isigqibo sabo yaye banike izizathu ezixhasa oku zokuba kungani na isicelo (izicelo) simelwe ukuqwalaselwa kwakhona.
    - (ii) Mabasoloko beqhagamshelana nezikolo ezikuluhlu lwabo. Mabagcine irekhodi yayo yonke imbalelwano.
  - (c) **Makuqwalaselwe ukuba iSebe i-WCED alinako ukuncedisa okanye ukuqinisekisa ngeendawo zokufunda kwizikolo abazikhethayo.**
- 15.2 **Emva kowe-31 Julayi 2025 (amaBakala R, 1 no-8) nasemva kowe-13 Oktobha 2025 (ezokutshintshelwa kwezinye izikolo)**
- (a) Amagosa eSebe i-WCED aya kuyiqala inkubo yokufumana nokuqinisekisa ukubakho kweendawo zokufunda kubafundi.
  - (b) Apho abafundi bengekafumi ndawo zokufunda, iSebe iWCED ngokubonisana nezikolo, liya kungenelela ngethuba lekota yesithathu neyesine ukufaka abafundi ezikolweni.
16. **Inkubo yokupapasha ingcaciso engokwamkelwa kwabafundi**
- 16.1 ISebe i-WCED liya kuqalisa inkubo yokupapasha ingcaciso engokwamkelwa kwabafundi epheleleyo eya kuquka iintlobo ngeentlobo zopapasho namaqonga onxibelewano oluntu.
- 16.2 Oku kuya kuquka amaphephandaba, iiphowusta, amaphetshana, izibhengezo zentengiso kwakunye neerediyo namaqonga onxibelewano oluntu achaphazelekayo.

- 16.3 liseshoni zengcaciso noqequesho ezonegezelweyo kwi-SAMI system ziya kuqhutyelwa onke amagosa nabasebenzi abajongene nokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ngoJanuwari ukuya kuFebruwari 2025. linkcukacha ngezi seshoni ziya kulandela.
17. linqununu ziya kuthwaliswa uxanduva lokuphendula kwiimeko apho izikolo zingazithobeliyo iimfuno ezimiselweyo ezicaciswe kule setyhula yaye kunokuthathwa inyathelo loluleko ukuba kufunyaniswe ukuba aziyithathelanga ngqalelo okanye ziyphephile imiqathango yale setyhula.
18. Yonke imibuzo ngokwamkelwa kwabafundi mayibhekiswe kwiNtloko yoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko (*Head: Management and Governance*) okanye kumphathi wesekekethe ochaphazelekayo kwisithili ngasinye.
19. Kucelwa nazise okukule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS

**INTLOKO YESEBE LEMFUNDU**

**UMHLA:** 2024-12-13